## ISAZISO SENKQUBO YOKUFAKAN' IMILOMO NOLUNTU

## Inkqubo Yohlolo Olusisiseko lweprojekti ephakanyiswayo yokwandiswa kwendawo yokupaka imoto eKoeberg Nuclear Power Station - eCape Farm Duynefontyn no. 1552, Western Cape

**Advisian Project Ref No.: C00278 DEA Ref No.:** ***Ikwinkqubo yokukhutshwa***

Isaziso seNkqubo Yokufakan' Imilomo Noluntu (PPP) siyakhutshwa ngokuvumelana Nemiqathango Yohlolo Lwegalelo Kokusingqongileyo (EIA) (2014) epapashwe kwiSaziso sikaRhulumente R. 982, esenziwe ngaphantsi kweCandelo 24 (5) nelama-44 loMthetho woLawulo Lokusingqongileyo LukaZwelonke (NEMA), uMthetho No. 107 ka-1998 (njengoko utshintshiwe).

**Inkcazelo Ngeprojekti:**
U-Eskom uphakamisa ukwandiswa kwendawo yokupaka iimoto ekhoyo kwisiza seKoeberg Nuclear Power Station (KNPS) eCape Farm Duynefontyn No. 1552. IProjekti Yokwandiswa Kwendawo Yokupaka Iimoto iya kulungiselela iindawo zokupaka ezisisigxina eziyi-200 (ezipeyiviweyo) neziyi-200 zexeshana (zegravel) ezinomthamo wophuhliso oqikelelwa kwi-11 000m2. I-KNPS yenza inkqubo yokufaka amafutha qho kwiinyanga ezili-18 kwiyunithi yesilawuli nganye. Le ndawo yokupaka iimoto ikhoyo ayilingananga ukupaka iimoto zabasebenzi abancedisa ekufakeni amafutha yaye eso sisizathu sale Projekti Yokwandiswa kweNdawo Yokupaka Iimoto..




**INkqubo Yokugunyaziswa Kwale Projekti:**
Ngokuvumelana nemiqathango yeEIA ka-2014 EIA, iprojekti ephakanyiswayo ifuna Ukugunyaziswa Kokusingqongileyo kwiGunya Elisebenzayo, iSebe leMicimbi Yokusingqongileyo (DEA) - ngenxa yegalelo elinokubakho kokusingqongileyo. Le projekthi iphantsi **kwiNkqubo yoHlolo Olusisiseko** ngokuvumelana nemisebenzi edwelisiweyo esebenzayo ekudweliseni isaziso 1 no 3, eziquka iNkqubo Yokufakan' Imilomo Noluntu.

**Ithuba Lokuba Nenxaxheba:**
**Idrafti yeNgxelo Yohlolo Olusisiseko** iya kufumaneka ukuze ihlolwe kangangeentsuku eziyi-30 nethuba lokugqabaza ngayo, ukususela nge- **27 Oktobha de ibe 28 Novemba 2016** kwezi ndawo zilandelayo:

- Iikopi ezingamaphepha zesi sicelo zifumaneka e**Koeberg Public Library** (idilesi: Merchant Walk, Duynefontein, Melkbosstrand. Ino. yefowuni: +27 21 553 2514), **Wesfleur Public Library** (idilesi: Wesfleur Circle, Dassenberg, Atlantis. Ino. yefowuni: 021 572 7618), **Two Song Community Centre** (idilesi: 1 Nottingham Street, Sherwood Park, Atlantis Ifo.: +27 21 572 0289), **Avondale Public Library** (idilesi: Civic Centre, Grosvenor Avenue, Atlantis Ifo.: +27 21 572 3529) ne**Koeberg Visitors Centre** (idilesi: kwisiza seKoeberg Nuclear Power Station, Ino. yefo: +27 21 550 4667).
- Iikopi zezicelo ze-elektroniki ziyafumaneka ukuba uzidawnlowude kwi-Advisian Website: http://www.advisian.com/advisian-environment-society

**Bhalisa njengomntu onomdla nochaphazelekayo (IAP):**
Ukuze ubhalise njenge-IAP yale projekthi, sicela uthumele ngokubhala iinkcukacha zonxibelelwano zakho ezipheleleyo, umdla onawo kule projekthi iphakanyiswayo (ushishino oluthe ngqo, izimali olobuqu njl. njl.), kwakunye namagqabaza akho kunye/okanye izinto ezikuxhalabisayo, uthumele kwi-Advisian EAP:


Advisian EAP: Ryan Jonas
I-imeyili: Ryan.Jonas@advisian.com
Idilesi yePosi: PO Box 398, Bellville, 7535
Ifo.: +27 10 593 3942


Advisian
WorleyParsons Group


WorleyParsons RSA (Pty) Ltd trading as Advisian
REG NO: 1989/002048/07